*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Indlu kaMama uQhude*
(*Mama Antelope's House*)
Illustrated by Barbara Nascimbeni
Written by Florenca Marundu
Designed by Lauren Joy Elizabeth Bird
Edited by Nabeela Kalla
Translated by Sihle Siko
with the help of the Book Dash participants in Johannesburg on 26 October 2019.

ISBN: 978-1-77623-049-5

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

# Indlu kaMama uQhude



Barbara Nascimbeni Florence Marundu Lauren Bird



Kudaladala, zonke izilwanyana zazihlala elalini.

UMama uQhude wayenendlu enkulu.



Ngenye imini, uMvundla wayefuna ukwenza amaqhinga. Wacinga wacinga… Wachwechwa wangena endlwini kaMama uQhude. Wavala ucango waza wenza ingxolo enkulu.





UMama uQhude wabuya ekhaya.

“Ngubani osendlwini yam?” wakhala.

“Ngcuka, nceda!

Kukho umntu endlwini yam.”



Nkqo, nkqo, nkqo!

“Vula ucango!” wagxwala uNgcuka.

Kodwa ucango zange luvuleke.








UNgcuka wabiza
uNdlulamthi.
“Vula ucango!”
wakhwaza uNdlulamthi.

Kodwa ucango
zange luvuleke.

UNdllulamthi wakhwaza uQwarhashe.

“Vula ucango!” wakhwaza uQwarhashe.

Kodwa ucango zange luvuleke.



UQwarhashe wabiza uNdlovu. Wayemkhulu kwaye omelele! "Vula umnyango!" wayalela uNdlovu. Kodwa ucango zange luvuleke.





Wayelusizi uMama uQhude.

Zonke izilwanyana zazi lusizi.

Ngubani osendlwini kaMama uQhude?



Zacula iintaka.

Amabhabhathane abhabhazela.

Iinyosi zabhuza.

“Vula ucango!” zakhwaza zonke.





UMntwana uQhude wafika ekhaya.

“Ngubani osendlwini yethu?”

“Nceda uvule ucango,” wacenga kamnandi.





Lwavuleka ucango.

YayinguMvundla!

UMvundla wayencumile.

Wayewathanda amaqhinga.







Huntshu! Huntshu!

UMama uQhude noMntwana

uQhude bonwabile.

Izilwanyana zonwabile.

Indlu kaMama uQhude ivulekile ekugqibeleni.



